



IBANGA **2** INCWADI
YOMFUNDI

Platinum

Izakhono zoBomi

T. Barnard • C. De Vries • S. Adams • L. Shaw • C. Gleeson-Baird

Platinum Izakhono Zobomi Ibanga 2 Incwadi Yomfundi

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenywe yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenywe yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za. Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za.

Ishicilelwe ngowama- 20XX

ISBN 978-1-779-83509-3
ePDF ISBN 978-1-834-99080-4

Umpapashi ngu Anusia Naicker-David
Umhleli olawulayo ngu Ru Bailey
Yahlelwa ngu Yomelelani Nombula
Umphandle wencwadi uyilwe yi MML Visual Design
iNcwadi iyilwe yi MML Visual Design
Imifanekiso ngu Chamique Johnson, MML Visual Design, Danielle Albertyn, Dolph Banza, Angie Bowring, Stellah Irungu, Bennie Kruger, Ronell Lareman, Patrick Latimer, Amos Ndinyo, Lauriane Neave, Lindsey van Heerden & Bev Victor
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu Olivia Brink
Ishicilelwe ngu

Imibulelo

Umbhali (ababhali) kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa Kwemifanekiso:

p0a, nadianb / 123RF.com; p2, happylark / 123RF.com; p3a, anaumenko / 123RF.com; p3b, rastkobelic / 123RF.com; p3c, marctran / 123RF.com; p7b, olyasolodenko / 123RF.com; p20d, prostoooleh / 123RF.com; 83a, Stuart Boulton / Alamy Stock Photo; p86a-b, grgroup / 123RF.com; p151b, ruslan / 123RF.com; p166a, vanreeell / 123RF.com; p155, Chronicle / Alamy Stock Photo; p166b, djvstock / 123RF.com;

Shutterstock

p0b, Andrew Williams; p20b, santyan; p20c, Halfpoint; p21, New Africa; p24a, Motortion Films; p24b, didesign021; p24c, Roman Chazov; p24d, Halfpoint; p28, Colorfuel Studio; 29a, Teguh Mujiono; 29b, Colorfuel Studio; p30, THP Creative; p34a, Spreadthesign; 34b, sciencepics; p37a, Aonprom Photo; p37b, Cullen Macias; p37c, s.r graphics; p42, Milya Shaykh; p46a, kapichka; p46b, ShineTerra; p46c, WESTOCK PRODUCTIONS; p46d, wavebreakmedia; p52a, THMorningMonday; p52b, Aninka Bongers-Sutherland; p52c, star designer; p52d, baibaz; p53a, Audrius Merfeldas; p53b, Casther; 53c, gorillaimages; p54, Kazakova Maryia; p55a, Serenity Images23; p55b, Terelyuk; p55c, PJ photography; p55d, Donna Bollenbach; p56a, patjo; p56b, Saley Yanny; 60a, acceptphoto; 60b, Animaflora PicsStock; 60c, Ramon Cliff; p60d, Courtney Jenckes; p60e, Emile E Wendling; p62a, Anna Hoychuk; p62b, New Africa; p62c, Nitr; p63a, VLADIMIR VK; p63b, Sergey Moskvitin; p63c, Loren Maring; p64, Volodymyr Burdiak; p66a, MPH Photos; p66b, Artush; p67, Jordan_Abroad; p72, puyalroyo; p78a, Benerys; p78b, Martin Blazicek; p78c, Oleksandr Smushko; p78d, nicemyphoto; p78e, Ryan Bemben; p78f, Vladimir Turkenich; p79a, Hannes Thirion; p79b, Siahay Photo Corner; p79c, Roberto_Rossi; p80a, Platoon Studios; p80b, Umomos; p80c, EiHeyYee; p80d, Azay photography; p80e, Emaruchi; p82, Zviodochka; 83b, Olga Listopad; 83c, Marianne Pfeil; p85, Eric Isselee; p86c, Will Power Studio; 91a, Platoon Studios; p91b, Hannes Thirion; p91c, Ryan Bemben; p91d, Umomos; p92, MPH Photos; p96a, imstock; p96b, loesak pakdeeto; p96c, kram-9; p103, kram-9; p107a, Abraham Overvoorde; p107b, Denis Belitsky; p109a, Pedal to the Stock; p109b, Mny-Jhee; 109c, Foto-up; p109d, Aerial-motion; p111a, Waldemar Manfred Seehagen; p111b, artmanul; p111c, Aleksandr Merkushev; p111d, NAN728; p112a, gpointstudio; p112b, freevideophotoagency; p121a, Techzila; p121b, Millionstock; p136, Silver Spiral Arts; p140a, Aoraee; p140b, luma_art; p146a, Grobler du Preez; p146b, Grobler du Preez; p146c, TUX85; p146d, Serah Polito; p146e, EcoPrint; p151a, H_Ko; p151c, yana_vinnikova; p151d, gcafotografia; p151e, New Africa; p156, Andrii_Malysh; p159a, RS-74; p159b, Red Confidential; p159c, La Gorda; p163a, Africa Studio; p163c, Kamonkanok; p163d, diplomedia; p163e, Ground Picture; p171, Alina Machado; p172a, IndianFaces; p172b, New Africa; p172c, Roman Samborskyi; p173, katsuba_art; p176a, Worraket; p176b, Smit; p176c, tratong; p176d, Veronica Rentoul; p177, TigerStocks; p178a, StockImageFactory.com; p178b, phive; p178c, Indian Food Images; p178d, NIKS ADS;

Wamkelekile kwindlela yethu entsha yokufunda



Mfundi othandekayo,

Wamkelekile kule ncwadi yokufunda evuselelayo enomdla! Uya kudibana nabantu abamangalisayo; kanye njengokuba umntu ngamnye ebalulekile ngendlela yakhe, nawe ke ngokunjalo!



Tuckshop
Lady



Lily



Sahil



Tebogo



Amina



Thabo



Zara



Lulama



Aiden



Lina

Uya kufumana oku kulandelayo kwincwadi yakho yokufunda, eya kukunceda ikukhokele kuhambo olumnandi oluzaliswe kukufunda nokuzimisela.

Masiqale: Isihloko ngasinye siqala ngolwazi olubalulekileyo oza kufunda ngalo.

Ixesha lokuphonononga: Imisebenzi eyonwabisayo ekukhuthaza ukuba uhlolisise iingcamango ezintsha, ufunde iingongoma ezifanelekileyo kwaye usombulule iiphazili.

Amagama amatsha: Funda amagama amatsha aza kukunceda ukhulise isigama sakho.

Makhe sijonge: Ekupheleni komxholo ngamnye, gqibezela imisebenzi evelayo ukuze uzivuyise ngendlela ofunde ngayo!

Uhlolo oluseSikweni: Oku kuya kuhlola indlela oye wayiqonda kakuhle ngayo yonke into efundisiweyo ngokwekota nganye.

Le ncwadi iya kukukhuthaza ukuba usebenze wedwa, nakumaqela. Uya kucula, udanise kwaye ufunde ngaxeshanye. Qiniseka ngokulungiselela zonke iiklasi kwaye ubuze utitshala wakho imibuzo emininzi kangangoko unako.

Zilungiselele ukufunda, ukudlala nokuqamba nabahlobo bakho.

Ukonwabele ukufunda.

Iziqulatho

Ikota 1

Isihloko soku-1	Izinto esizidingayo ukuze siphile	1
	Ukutya okukhulisayo, okunika amandla nempilo entle	2
	Kutheni siwadinga amanzi? ..	4
	Umoya ococekileyo	5
	Ilanga	6
	Makhe sijonge	7
Isihloko sesi-2	Mna nabanye.....	8
	Yintoni eyenza umntu aben gumhlobo olungileyo?.....	10
	Abantu esikolweni nasekhaya	13
	Ukubonisa intlonipho nokunceda abanye.....	14
	Ukuxhaphaza nokuzithemba	17
	Makhe sijonge	19
Isihloko sesi-3	Wonke umntu ukhethekile	20
	Abantu bayafana kodwa bohluke	22
	Izinto ezinceda abantu	24
	Ukukhathalela abantu abakhubazekileyo	26
	Ndingaliquhawe	28
	Makhe sijonge	31
Isihloko sesi-4	Ukuhlala useMpilweni.....	32
	Indlela yokuzigcina usempilweni	34
	Ziintoni ezisenza singabikho sempilweni?.....	36
	Izinto ezisenzakalisayo.....	37
	Ukukhusela ukutya esikutyayo	38
	Iindlela ezilula zokucoca amanzi	39
	Iintsuku zenkolo neeholide ezikhethekileyo	41
	Makhe sijonge	43
	Uhlolo oluseSikweni lweKota yoku-1	44

Ikota 2

Isihloko sesi-5	Amaxesha onyaka	46
	Amaxesha onyaka amane.....	48
	Indlela amaxesha onyaka asichaphazela ngayo	50
	Indlela amaxesha onyaka azichaphazela ngayo izinto ezikhulayo	53
	Umjikelo wobomi besityalo seembotyi	54
	Indlela amaxesha onyaka azichaphazela ngayo izilwanyana	55
	Makhe sijonge	57
Umxholo wesi-6	Izilwanyana	58
	Izilwanyana zasefama	60
	Ukusetyenziswa kwezilwanyana zasefama	62
	Izilwanyana zasendle.....	64
	Izilwanyana ezifihlakeleyo	66
	Izilwanyana ezisemngciphekweni wokuphela	67
	Makhe sijonge	69
Isihloko sesi-7	Izinto eziphilayo ezihlala emanzini.....	70
	Yintoni ehlala emanzini acocekileyo.....	70
	Yintoni ehlala emanzini olwandle	75
	Makhe sijonge	77
Isihloko sesi-8	Amakhaya eZilwanyana	78
	Izilwanyana ezenza amakhaya azo	80
	Izilwanyane ezifumana izindlu zazo	83
	Izilwanyane ezithwala amakhaya azo	85
	Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo.....	89
	Makhe sijonge	91
	Uhlolo oluseSikweni lweKota yesi-2	92

Ikota 3

Isihloko se-9	Umhlaba	94
	Iindidi zomhlaba	96
	Izidalwa eziphila emhlabeni.....	97
	Umhlaba wokukhulisa izityalo	99
	Makhe sijonge.....	103
Isihloko se-10	Ezothutho	104
	Yintoni ezothutho?	106
	Uthutho ngololiwe.....	107
	Uthutho Iwezenqwelomoya	108
	Uthutho lwezamanzi	111
	Imisebenzi yeendidi ezahlukeneyo zothutho	113
	Makhe sijonge.....	115
Isihloko se-11	Ukhuseleko eziNdleleni.....	116
	Ukhuseleko ezindleleni lwabahambi ngeenyawo ...	118
	Ukhuseleko ezindleleni lwabakhweli beebhayisekile..	119
	Ukhuseleko ezindleleni lwabakhweli	120
	Iimpawu zendlela zabahambi ngeenyawo nabakhweli beebhayisekile	121
	Ipatrol yabafundi	123
	Asinceda njani amagosa ezendlela	124
	Makhe sijonge.....	127
Isihloko se-12	Abantu abasancedayo.....	128
	Indlela abandinceda ngayo abantu abahlukahlukeneyo.....	132
	Indlela endicela ngayo ulwazi kunye noncedo.....	134
	Indlela yokucela uncedo kwimeko yongxamiseko	135
	Iintsuku ezikhethekileyo nezenkolo	136
	Makhe sijonge.....	137

Uhlolo oluseSikweni lweKota 3 138

Ikota 4

Isihloko se-13	Ilizwe lethu	140
	Imephu yoMzantsi Afrika	142
	Iflegi yoMzantsi Afrika nalapho sinokuyibona khona	144
	Umhobe wesizwe waseMzantsi Afrika.....	145
	Iimpawu zesizwe zoMzantsi Afrika	146
	Makhe sijonge.....	147
Isihloko se-14	Iindlela ezahlukahlukeneyo zokunxibelelana.....	148
	Ukuthethela ukunxibelelana	150
	Ukufundela ukunxibelelana	155
	Ukusebenzisa intengiso ukunxibelelana.....	157
	Ukumamelela ulwazi.....	158
	Ukubaluleka konxibelelwano	163
	Makhe sijonge.....	165
Isihloko se-15	Imini nobusuku	166
	Izinto endizenzayo ebusuku	168
	Abantu abasebenza ebusuku	172
	Izilwanyana zasebusuku.....	176
	Iintsuku zonqulo nezinye ezikhethekileyo.....	178
	Makhe sijonge.....	179

Uhlolo oluseSikweni lweKota yesi-4 180

Amagama amatsha 182


Isihloko soku-1 Izinto esizidingayo ukuze siphile



Isihloko soku-1 Izinto esizidingayo ukuze siphile

Masiqale

1. Kokuphi ukutya okuthandayo?
2. Ngaba oku kutya **kunempilo** okanye **akunampilo**?
3. Ngaba uyakuthanda ukudlala phandle?
4. Yeyiphi imidlalo othanda ukuyidlala?



Amagama
amatsha

okunempilo – Izinto ezigcina imizimba yethu

okungenampilo – Izinto ezigulisa imizimba yethu

Ukutya okukhulisayo, okunika amandla nempilo entle



Umsebenzi woku-1

USahil uthenga iilekese, iitshepisi kunye nepayi evenkileni yesikolo.



Sebenzani ngezibini.

1. Yintoni esinika **amandla**?
2. Angenza ntoni uSahil ukuze afumane amanye amandla?
3. Ucinga ukuba kutheni uSahil edinwa?

amandla – yinto esiyidingayo ukuze imizimba yethu ikwazi ukusebenza okanye sikwazi ukudlala imidlalo

Igama elitsha

Umsebenzi wesi-2




Zisebenzele ngokwakho.



USahil uyakwazi ukuhamba ibhloko enye ngexesha. Uyakwazi ukunyuka, ekhohlo, ezantsi nasekunene. Qala kunxantathu omthubi.

Landela iseti nganye yeentolo uze ubone apho imsa khona iSahil.

a. 

b. 

c. 



Kutheni siwadinga amanzi?

Umsebenzi wesi-3



Zisebenzele ngokwakho.

1. Yenza uluhlu lwazo zonke iindlela uMwali asebenzisa ngazo amanzi.
2. Bhala ezinye iindlela ezimbini esiwasebenzisa ngazo amanzi.



Ixesha
lokuphonononga



Sebenzani ngezibini.

Avela phi amanzi?

1. Yenza ipowusta ebonisa iindawo ezintlanu apho sifumana khona amanzi.
2. Sebenzisa iincwadi neintanethi ukuze zikuncede.
3. Xelela iklasi ngoko ukufundileyo.

Umoya ococekileyo

Abantu bafuna umoya ococekileyo ukuze baphile.
Ngaphandle komoya ococekileyo abantu bangagula.



Umsebenzi wesi-4



Sebenzani ngezibini.

1. Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?
2. Kutheni le nkwenkwe ibambe impumlo yayo?
3. Kutheni ufuna umoya ococekileyo?
4. Ucinga ukuba izityalo nezilwanyana ziyawudinga umoya ococekileyo? Ngoba?

Ilanga

UVitamin D


Ukutshiswa
lilangaAmagama
amatsha**ukutshiswa****lilanga** – ulusu

olubuhlungu olubangelwa

lixesha elininzi elangeni

ukukhusela – ukugcina umntu

okanye into ikhuselekile



Amathambo omeleleyo

Umsebenzi wesi-5



Zisebenzele ngokwakho.

Jonga umfanekiso uze ufunde iilebhile.

1. Kutheni ilanga liluncedo kuthi?

Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Ilanga lilungile kuthi kuba _____.

2. Kutheni ilanga linokuba yingozi kuthi?

Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Ilanga linokuba yingozi kuthi xa _____.

3. Kumele ukhusele njani ulusu lwakho elangeni?

Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Kufuneka ndikhusele ulusu lwam elangeni ngo _____.

Makhe sijonge

1. Kokuphi ukutya okusempilweni?



2. Khetha igama elichanileyo kwisivakalisi:
Kufuneka siqabe (**amanzi/isithintelilanga**)
eluswini lwethu xa sisiya elangeni.

3. Ngaba esi sivakalisi **sichanile** okanye
asichananga?

Umsi wemoto unceda izilwanyana, izityalo
kunye nabantu ukuba baphefumle umoya
ococekileyo.

4. Zoba umfanekiso wendlela osebenzisa ngayo
amanzi ekhaya.



Isihloko sesi-2 Mna nabanye



Masiqale

1. Sinokwenza njani ukuze sibe nobubele kwabanye abantu?
2. Ungamthuzela njani umhlobo wakho xa ekhathazekile?
3. Dwelisa izinto ezintathu onokuzenza ukuze wenze umntwana omtsha eklasini yakho azive amkelekile.



Ixesha lokuphonononga

1. Uziva njani xa unceda abanye?
2. Uziva njani xa uncedwa ngabanye?

Yintoni eyenza umntu abe ngumhlobo olungileyo?

Umsebenzi woku-1



Zisebenzele ngokwakho.

Zeziphi **iimpawu** ezenza umntu abe ngumhlobo olungileyo?

1. Bhala iimpawu ezine ezenza umntu abe ngumhlobo olungileyo.
2. Bhala iimpawu ezikwenza abe ngumhlobo olungileyo kwabanye abantwana.

Umhlobo
olungileyo

Umhlobo
olungileyo

Umhlobo
olungileyo

Umhlobo
olungileyo

Amagama
amatsha

iimpawu – Izinto ezilungileyo ngomntu ezimenza akhetheke

ubuhlobo – Abantu abachitha ixesha kunye kuba bethanda izinto ezifanayo

Umsebenzi wesi-2



Sebenzani ngezibini.

Gqibezela umbongo wobuhlobo ngokubhala iimpawu nezenzo ocinga ukuba abahlobo benene babe nazo.

Sebenzisa amagama akwibhokisi ukukunceda.

UMhlobo Wam

Umhlobo wam _____ ngoyena mntu ubalaseleyo,
(igama lomhlobo)

U _____ , _____ kwaye ukrelekrele.
(uphawu) (uphawu)

Umhlobo wam umamela amabali am mihla yonke.

Udenza ndizive _____ xa ndidlala.
(imvakalelo)

Soloko ezimisele uku _____ Nokundipha izinto anazo
(izenzo)

Iyabonakala indlela akhathala ngayo.

Ngaba ndibakhankanye ukuba ba _____ nabo?
(uphawu)

Umhlobo olungileyo kum nakuwe.

Iimpawu: unyanisekile, wonwabile, unobubele, unomonde, unokuqonda, uyamkela, unenkathalo

Iimvakalelo: ndonwabile, ndithandwa

Izenzo: thetha, mamela, dlala, nceda

Umsebenzi wesi-3

Jonga imifanekiso.

1. Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?
2. Ngowuphi umfanekiso obonisa uphawu olulungileyo lokuba ngumhlobo?



Abantu esikolweni nasekhaya

Umnu. Anwar ngutitshala kwisikolo esiseLimpopo. Ungoyena titshala uthandwayo ngabafundi kuba usoloko enobubele, ebakhathalele kwaye ebamamela. Wonke umntu uhlala onwabile kwiklasi kaMnu. Anwar.



intlonipho – Kukuba nobubele ebantwini nokuthobela imithetho

ukungabinantlonipho – Kukuba krwada ebantwini nokungathobeli imithetho

Umsebenzi wesi-4



Sebenzani ngezibini.

1. Ngawaphi amakhadi abonisa **intlonipho** kutitshala nakwisikolo?
2. Ngawaphi amakhadi abonisa **ukudelela** ootitshala nakwisikolo?

Ukubhala idesika yam nesitulo

Ukungawenzi umsebenzi ekufuneka ndiwenze

Ukuba nobubele kwabanye abantwana

Ukuba krwada kootitshala.

Ukulandela imithetho yesikolo

Ukugqiba umsebenzi wam wesikolo

Ukuba krwada kwabanye abantwana

Ukubulisa ootitshala bethu xa sibabona

Ukubonisa intlonipho nokunceda abanye



Sibonisa intlonipho ngokunceda abantu



Sihlonipha abantu abangafaniyo nathi



Sibonisa intlonipho ngokugcina iklassi namakhaya ethu ecocekile



Sibonisa intlonipho ngokukhathalela abantu abadala

Umsebenzi wesi-5



Sebenzani ngezibini.


1. Bayibonisa njani abantwana intlonipho kwabanye abantu?
2. Yenza ipowusta ukubonisa intlonipho. Khetha enye yezinto ezikulo mfanekiso, okanye sebenzisa eyakho.
3. Xelela iklasi ngepowusta yakho.

Ngamanye amaxesha asibahloniphi abantu.

Xa sisenza oku, kufuneka sicele uxolo kwabo bantu.

Zac, ndicela uchole eli phepha liphantsi?

Ayilophepha lam uMnu. Anwar! Andifuni kulichola!



Umsebenzi wesi-6



Zisebenzele ngokwakho.

1. Ngaba uZac ubonisa intlonipho okanye udelela uMnu Anwar?
2. Ukuba ubunguMnu. Anwar, ngaba ubuya kuvuyiswa yimpendulo kaZac?
3. Yintoni elandelayo ukufuneka yenziwe nguZac?
4. Yenza ngathi unguZac uze wenzele uMnu. Anwar ikhadi.

Omawukongeze kwikhadi lakho:

- Cela uxolo kuMnu. Anwar
- Thembisa uMnu. Anwar ukuba awuzukuphinda uthethe ngolohlobo naye
- Zoba umfanekiso oza kwenza uMnu. Anwar ancume

Umsebenzi wesi-7



Zisebenzele ngokwakho.

1. Treyisa isandla sakho kwincwadi yakho.
2. Bhala izinto ezintlanu onokuzenza eziya kuba luncedo kwaye nezibonisa intlonipho kwabanye.
3. Bhala isenzo esinye kumnwe ngamnye.



Amagama
amatsha

Ukuxhaphaza –
Ukuthetha okanye
ukwenza izinto ezimbi kwabanye
Ukuzithemba kwethu – Indlela
oziva ngayo ngesiqu sakho



**Ixesha
lokuphonononga**

Ukuba uye wanceda
umhlobo wakho,
ngaba ufanele ulindele
imbuyekezo?

Ukuxhaphaza nokuzithemba

Ukuxhaphaza kuxa umntu ethetha kakubi okanye ekwenzakalisa emzimbeni.

Xa abantu bexhatshazwa, loo nto ibenza bazive kakubi.

Indlela esiziva ngayo ibizwa ngokuba kukuzithemba kwethu.

Umsebenzi wesi-8



Sebenzani ngezibini.

1. Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
2. Ungaziva njani ukuba abanye abantwana bangenza le nto kuwe?
3. Ngubani onokusinceda ukuba siyaxhatshazwa?
4. Singenza njani ukuze abantu bazive ngcono neziqo zabo?



Umsebenzi wesi-9



Sebenzani ngamaqela.


Yenza ikhonkco lomyalezo.

Uzakudinga:

- Amaphepha anemibala eyahlukeneyo
- Iipeni ezinemibala
- Isikere
- Isteyipla

Kufuneka:

1. Usike amaphepha anemibala abe yimicwe emi-5.
2. Umfundi ngamnye kumele abhale enye yezi:
 - Indlela enye yokuthintela ukuxhaphaza
 - Indlela enye yokubonisa intlonipha kwabanye.
3. Goba umcwe ngamnye ube likhonkco. Sebenzisa isteyipla ukudibanisa yonke imicwe kunye ukwenza ikhonkco.
4. Hombisa iklasi ngamakhonkco anemiyalezo.



Makhe sijonge

1. Chaza iimpawu ezintathu ekufuneka enazo umhlobo olungileyo
2. Ungayibonisa njani intlonipho kwabanye?
3. Khetha igama elichanekileyo: Ukuxhatshazwa kwenza abantu bazive (**kamnandi/kakubi**) ngabo.
4. Ungamqanda njani umntu oxhaphazayo ebaleni lokudlala?



Isihloko sesi-3 Wonke umntu ukhethekile



Masiqale

Jonga imifanekiso.

1. Yintoni eyenza abantu abakwimifanekiso **bakhetheke**?
2. Yintoni ekwenza **ukhetheke**?
3. Yintoni eyenza abahlobo bakho **bakhetheke**?




Ixesha
lokuphonononga

Akukho namnye onemizila
yeminwe efana neyakho.



Sebenzani ngezibini.

1. Peyinta incam yomnwe wakho ngepeyinti yewatercolor uze uwucinezele kwiphepha.
2. Jonga kakuhle kumzila womnwe wakho nakumzila womnwe womhlobo wakho.
3. Ngaba iyafana?



Amagama
amatsha

okukhethekileyo – Into eyenza ukuba sahluke kwabanye abantu

umzila womnwe – Ipateni yeempawu ezenziwe zizandla zethu

Abantu bayafana kodwa bohluke

Umsebenzi woku-1



Zisebenzele ngokwakho.

Hambahamba eklasini uze ufumane izinto **ezifanayo** kunye **nezahlukileyo** phakathi kwakho nabafundi beklasi yakho.

1. Fumana umntu owenze iinwele ngendlela efana neyakho.
2. Fumana umntu odlala ezemidlalo eyahlukileyo kuwe.
3. Fumana umntu onxiba izipekisi.
4. Fumana umntu onobude obulingana nobakho.

Amagama
amatsha

okufanayo – izinto ezifanayo

ukwahluka – izinto ezingafaniyo

ukoja – ukupheka inyama ngamalahle

melkert – Ikeyiki yaseMzantsi Afrika eyenziwe ngentlama eswiti yaze yagalelwa iKhastadi

ULilanie noEntle bayakuthanda ukuchitha ixesha kunye neentsapho zomnye nomnye. Baye bafunda ukuba iintsapho zabo zisenokwahluka, kodwa zikwanokufana ngeendlela ezininzi.



Umsebenzi wesi2



Sebenzani ngezibini.

1. Loluphi ulwimi oluthethwa Lilanie?
2. Loluphi ulwimi oluthethwa kowenu?
3. Koku kutya kusetafileni, kokuphi okuthandayo?

Izinto ezinceda abantu

Umsebenzi wesi-3



Sebenzani ngezibini.

Ngaba ezi zinto zibanceda njani abantu?



Iiglasu zokufunda nokubona izinto ezikude.



Isixhobo esisetyenziselwa ukuhamba.



Inja ekhokelayo nentonga.



Izincedisu zokuva.



Ixesha lokuphonononga

Phanda ngabantu baseMzantsi Afrika abaphumeleleyo nangona bekhubazekile. Sebenzisa amaphephandaba, iimagazini okanye i-intanethi zikuncede. Yabelana ngoko ukufumanisileyo neklasi.

Umsebenzi wesi-4

Sebenzani ngabini.

Umdlalo wokugquma amehlo

Uza kufuna:

- Ilaphu lokugquma amehlo
 - Ibhola okanye intonga
1. Gquma ngelaphu amehlo omhlobo wakho. Qinisekisa ukuba akaboni nantoni na.
 2. Beka ibhola okanye intonga kwindawo ekufuneka ifunyenwe ngumhlobo wakho.
 3. Yima nomhlobo wakho ogqunwe amehlo.
 4. Xelela umhlobo wakho indlela yokuthatha ibhola okanye intonga. Mnike imiyalelo.

Ukukhathalela abantu abakhubazekileyo

Funda ibali likaLina.

ULina yintombazana eneminyaka esi-8 ubudala esebenzisa isitulo esinamavili kuba engakwazi ukuhamba. Waya kwisikolo esitsha apho kufuneka asebenzise iiramp ukuya eklasini. Ngamanye amaxesha uLina uhlala eklasini ngexesha lekhefu kuba ediniwe kakhulu ukuba angasebenzisa iiramp. Kunzima kuLina ukwenza abahlobo kuba uhlala yedwa eklasini ngekhefu.



Umsebenzi wesi-5



Zisebenzele ngokwakho.

1. Ukuba uLina ebeyinxalenye yeklasi yakho, ubunokumnceda njani?
2. Ngaba uLina kufuneka ahlale yedwa ngexesha lekhefu? Ngoba kutheni?
3. Ungaziva njani xa uhlala wedwa eklasini ngexesha lekhefu?

Amagama amatsha

ukukhubazeka

– xa ungakwazi ukusebenzisa ilungu lomzimba wakho

irempu – indawo ethambekileyo eyenza kube lula ukuba umntu atyhale isitulo esinamavili endaweni yokusebenzisa izitepsi.

Umsebenzi wesi-6




UJayden unomhlobo, uKiara ongeva kakuhle. UKiara uyakwazi ukuva xa abantu bethetha xa esebenzisa **isincedisi sokuva**. Ngamanye amaxesha uKiara usebenzisa **intetho yezandla** ukuze athethe nabantu.



Sebenzani ngezibini.

Jonga imifanekiso engezantsi.

Uthetha njani uJayden noKiara?



Amagama amatsha

isincedisi sokuva – into oyinxiba endlebeni ekunceda ukwazi ukuva kakuhle

intetho yezandla – ukuthetha ukusebenzisa izandla zakho namanye amalungu omzimba wakho

Ndingaliquhawe

Umsebenzi wesi-7



Sebenzani ngezibini.

1. Yintoni iqhawe?
2. Ngaba kufuneka ube mdala ukuze ube liqhawe?
3. Unokuba lliqhawe njani ngoku?

Umsebenzi wesi-8



Zisebenzele ngokwakho.

Jonga imifanekiso.

Ungaliquhawe njani?



Ndingaba liqhawe ngoku _____.



Ndingaba liqhawe ngoku _____.



Ndingaba liqhawe ngoku _____.

iqhawe – Umntu owenza okanye othetha izinto ezanceda abanye abantu

Igama elitsha